social development

Department:
Social Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

UMTHETHO OYILWAYO OTSHINTSHIWEYO WONCEDO LWEZENTLALO, [B 8B-2018] UKUTHIWA THACA KWIBHUNGA LESIZWE LAMAPHONDO 2020

INTSHAYELELO

UmThetho oYilwayo oTshintshiweyo woNcedo lwezeNtlalo waziswe kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe ngowe-13 Epreli 2018, kodwa ngelishwa waphelelwa ngoMeyi ka-2019 ngenxa yotshintsho kulawulo. Uye ke wavuselelwa ngoOktobha ka- 2019 kwaze okulandelayo wathathelwa ingqalelo yiKomiti yePotifoliyo kuPhuhliso lwezeNtlalo.

IKomiti ibambe iingxoxo zoluntu yaze yafumana izimvo ezibhaliweyo ngomThetho oYilwayo. Uninzi lwezi zimvo luxhase umThetho oYilwayo ondululwayo kwaye ikomiti yawuvuma ngowe-11 Matshi 2020, ngotshintsho olungephi. UmThetho oYilwayo uye ke wathunyelwa kwiNdlu yoWiso-mthetho, eye yawuphumeza yaze yawudlulisela kwiBhunga lamaPhondo leSizwe, elaziwa ngoku yi-NCOP, ngokuvumelana. I-NCOP ngoku ifuna amagunya kuwo onke amaphondo ukubenza bakwazi ukuphendula kwisicelo seNdlu yoWiso-mthetho ngokuvumelana. Indlu yowiso-mthetho yePhondo ke ngoko iqhuba ezi ngxoxo zoluntu ukuze ifumane izimvo zamaqela abo abavoti ukuze ise phambili amagunya abo ephondo kwi-NCOP.

IINJONGO ZOMTHETHO OYILWAYO

Ukongeza kutshintsho olungephi kwinkcazelo, umThetho oYilwayo uneenjongo ezintathu ezingundoqo.

Injongo yokuqala kukuxhobisa uMphathiswa woPhuhliso lwezeNtlalo, ngokuvumelana noMphathiswa wezeMali, ukuba enze izixa ezongezelelekileyo ezihlawulwa phezu kwezo sezikhona zezibonelelo zentlalo. Oku kuza kwenza ukuba iSebe loPhuhliso lwezeNtlalo ne-SASSA ziphumeze umgaqo-nkqubo owandisiweyo weSibonelelo seNkxaso yabaNtwana, ofuna ukuhlawula isixa esongezelelweyo kwinkedama ezihlala namalungu osapho, ngaphezu kwentlawulo esele ikhona yesibonelelo senkxaso yomntwana.

Njengoko uninzi lusazi, UMzantsi Afrika uneenkedama ezininzi. Iinkedama ezininzi zikhuliswa ngoomawokhulu kunye namanye amalungu osapho. Nakuba kunjalo, ngenxa yamanqanaba aphezulu obuhlwempu elizweni, iSibonelelo sokuGcina umNtwana ongengowakho ibe sisibonelelo esisilelayo ekondleni iinkedama. Nakuba kunjalo, iintsapho ezininzi ezigcina iinkedama khange zikwazi ukufikelela kwinkqubo yokugcina umntwana ongengowakho ngenxa yamanani amaninzi kunye nemithombo enyiniweyo kurhulumente yokubeka abantwana kuKhathalelo lokuGcina umntwana ongengowakho.

ISibonelelo seNkxaso yokuGcina umntwana ongengowakho kunye nenkqubo yokugcina umntwana ongengowakho zaziyilelwe abantwana abafuna **ukhathalelo**

nokhuselo. Aba ngabantwana ebebephethwe gadalala okanye bengahoywanga baze ke basuswa kwabo babagcinayo. Iinkedama ezininzi azingeni kolu didi kwaye zikwiindawo ezikhuselekileyo nezinye iintsapho zazo. Oku kukhokelele ekubeni abantwana abaninzi abasesichengeni bangakwazi ukufikela kwinkqubo yokugcina umntwana ongengowakho.

Injongo yalo mgaqo-nkqubo kukunika inkxaso engaphaya yengeniso kwiinkedama ezihlala namalungu osapho ukuze bangade badlule kwinkqubo yokugcina umntwana ongengowakho. Oku kuza kususa umthwalo kwinkqubo yokugcina umntwana ongengowakho kwaye kwenze isebe lisebenzise oonontlalontle balo ngempumelelo engaphaya ngexa kwangaxeshanye linika inkxaso yengeniso eyongezelelweyo kwiinkedama ingekho imfuno yokudlula kwinkqubo yokugcina umntwana ongengowakho exakayo.

Abafaki zicelo abayi kufuna inkqubo yenkundla okanye inkqubo enxulumene nonontlalontle phambi kokuba bakwazi ukufaka isicelo senkxaso eyongezelelekileyo. Nakuba kunjalo sakube sinikwe isibonelelo, baza kuthunyelwa kwiSebe loPhuhliso lwezeNtlalo ngeenkonzo kunye nenkxaso yasekuhlaleni.

Injongo yesibini yomThetho oYilwayo kukwenza lula inkqubo yeziBheno.

Okwangoku inkqubo yenziwe ngezigaba ezibini. Ukuba umntu ufaka isicelo sesibonelelo sentlalo ize i-SASSA isikhabe isicelo, umntu unelungelo lokuBhena. Nakuba kunjalo, phambi kokuba abhene, kufuneka abuyeke kwi-SASSA kuqala kwaye acele i-SASSA ukuba isithathele ingqalelo kwakhona isicelo sakhe. Le nkqubo kuthwa: UThathelo Ngqalelo Kwakhona lwangaPhakathi kumThetho okhoyo ngoku. I-SASSA ineentsuku ezingama-90 zokusithathela ingqalelo kwakhona isibheno somfaki sicelo kwaye kwiimeko ezininzi, siye sikhatywe kwakhona isicelo kuba i-SASSA ingakuthatheli ngqalelo ukufaneleka kwemeko kodwa ikhangela nje ukuba bazithobele zonke na iimfuneko zalawulo ezinikwe kumthetho. Kuphela sakube isicelo sithathelwe ingqalelo kwakhona yi-SASSA apho umfaki sicelo, ukuba akakavumelani nesigqibo esithathelwe ingqalelo kwakhona yi-SASSA, anokuya kwiNkundla yeziBheno ayofaka iSibheno. Inkqubo yezibheno ngokwayo ithatha iintsuku ezingama-90. Inkqubo epheleleyo ke ziintsuku ezili-180 okanye iinyanga ezi-6.

Inkqubo yokuthathela ingqalelo kwakhona yangaphakathi ibanga ukulibaziseka okungamandla ebantwini ekufumaneni ilungelo lokubhena ngokunxulumene nezibonelelo zentlalo, ingafaki naliphi ixabiso elibonakalayo. UmThetho oYilwayo ke ngoko uceba ukususa le nkqubo kwaye unike umfaki sicelo ilungelo lokufaka isibheno ngqo kwiNkundla eziMeleyo yeziBheno zoNcedo lwezeNtlalo ukuba akonelisekanga okanye unesikhalazo ngesiphumo sesicelo sesibonelelo okanye isigqibo esenziwe ngexesha lokujongwa kwakhona kwesibonelelo, yi-SASSA. Oku kuza kwehlisa amaxesha amiselweyo ezibheno ukususka kwiintsuku ezili-180 ukuya nje kwiintsuku ezingama-90.

Injongo yesithathu kukutshintsha uhlobo lombutho lweQumrhu lokuHlola kolo lesebe likarhulumente ukuya kwicandelo likarhulumente.

ICandelo lama-24 lomThetho woNcedo lwezeNtlalo libonelela ngokusekwa kweQumrhu lokuHlola kuNcedo lwezeNtlalo. Nakuba kunjalo, eli candelo alikamiselwa okwangoku, ngenxa yokuba iQumrhu lokuHlola iselisebe likarhulumente. Ngenxa

yamasebe amaninzi karhulumente okwangoku sineendleko ezininzi ezibandakanyekayo ngokunxulumene nokusekwa kwamasebe karhulumente, asilifuni elinye. Yiloo nto ke lo mThetho uYilwayo ufuna ukutshintsha ulwakheko lweQumrhu lokuHlola libe liCandelo likaRhulumente phakathi kwiSebe loPhuhliso lwezeNtlalo. lQumrhu eliHlolayo nakuba kunjalo liza kugcina ukuzimela kwalo kwaye likwazi ukuqhuba umsebenzi walo ngaphandle kokuphazanyiswa liSebe okanye yi-SASSA.

Ukuseka iQumrhu lokuHlola kuza kunceda ukuqinisekisa ukuba umba wobuqhetseba norhwaphilizo ulungiswa ngokwaneleyo. Imisebenzi engundoqo yequmrhu lokuhlola kukuphanda ubuqhetseba, urhwaphilizo nobusela, ukuphanda iintlobo zobugwenxa kwezezimali kunye nakwiinkonzo, ukuqhuba uphicotho-ncwadi lwezimali kunye nokuthotyelwa, ukuphanda nawuphi umsebenzi wolwaphulo-mthetho kwi-SASSA kunye nangokunxulumene nemisebenzi yabo kunye noko bakwenzayo, ngokunjalo nokugcina imfezeko yeenkqubo-zikhokelo neenkqubo zoncedo lwezentlalo. Liza kulwa kwakhona nokusetyenziswa kakubi koncedo lwezentlalo kwaye liphuhlise indlela yezikhalazo.

Ukuphetha, ezi njongo zijolise ekuphuculeni ukusebenza ngempumelelo kwenkqubo yezibonelelo zentlalo kwaye yenze kube khona iinzuzo eziphucukileyo kwiinkedama, ufikelelo olukhawulezayo kwiNkundla yeziBheno ngokunjalo nokwehlisa ukuba nobukho bobuqhetseba norhwaphilizo kwinkqubo yezibonelelo zentlalo.